ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Ivan Fortuine**
ICandelo leKharityhulam ye-*FET*
Ivan.Fortuine@westerncape.gov.za | 021 467 2082

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 22/2/6/1
Isalathiso: 20240722-5371

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye-*FET*: 0006/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziphakamileyo

**Isihloko: Ukukhethwa kwezifundo ngabafundi beBakala 9**

1. Njengokuba sisondela ekupheleni konyaka wokufunda wangoku, kubalulekile ukuba abafundi beBakala 9 bethu, baqalise ukucinga ngokukhetha izifundo zabo ukulungiselela unyaka wesikolo ozayo. Oku kukhethwa kwezifundo kubalulekile njengoko kuya kuchaphazela amakhondo ezifundo abafundi namathuba amakhondo omsebenzi exesha elizayo.

2. Ukukhetha izifundo ezichanekileyo kwiBakala 9 sisigqibo esibalulekileyo esiya kuchaphazela inkqubo yabo yokufunda kwisikolo esiphakamileyo nakwimfundo engaphaya. Kubalulekile ukuba abafundi bakhethe izifundo ezingangqinelani nje kuphela nemiba abanomdla kuyo nezinto abanako ukuzenza kakuhle kuphela, koko nezinako ukunika inkxaso iminqweno yabo yemfundo namakhondo omsebenzi exesha elizayo, kuthathelwa ingqalelo i-Mathematika xa ithelekiswa noLwazi ngeMathematika.

3. Iinqununu neeKomiti zoLawulo zeSikolo kufuneka zichaze izifundo ezikhoyo ezifundiswayo ezikolweni zazo ukulungiselela amakhondo angumdla kubafundi neetalente zabo ezahlukeneyo.

4. Ukuncedisa abafundi ekuthatheni izigqibo ezisekelwe kwingcaciso, izikolo mazenze oku kulandelayo:
   - **Iiseshoni zengcaciso:** Ootitshala bezifundo baya kubonelela ngeenkcukacha zengcaciso yesifundo ngasinye, kuquka ikhontenti yekharityhulam neendlela zovavanyo. Imihla namaxesha alungiselelwe ezi seshoni mawaziswe ngokukhawuleza.
   - **Iingcebiso ngamakhondo omsebenzi:** Umcebisi ngezifundo, iintloko zebakala okanye ootitshala be-*Life Orientation* kufuneka babekhona ukulungiselela iiseshoni nomfundi ngamnye (*one-on-one sessions*) ukuze baxoxe ngemiba enomdla kubafundi, izinto

abanako ukuzenza kakuhle neenjongo zabo ngamakhondo omsebenzi (*career goals*) abafundi ukubanceda bakhethe izifundo ezifanelekileyo.

- **Iintlanganiso zabazali/zabagcini bababafundi nootitshala:** Abazali/abagcini babantwana mabakhuthazwe ukuba baye kwintlanganiso ukuya kuxoxa nootitshala ngendlela aqhuba ngayo umntwana wabo/umntwana ogcinwa ngabazali abangengobabo. Oku makwenziwe ukwenzela ukuba kuxoxwe ngokubaluleka kokuba abafundi basebenzele ukukhetha ezona zifundo ziya kubenza baqhube kakuhle kulo makhondo ezifundo abawanqenelayo xa ngaba banqwenela ukuqhubeka nezifundo zabo eziyunivesithi njengoko zona izizifundo ezifuneka ngamandla ngaphezu kwemigaqo yokungena eyunivesithi.

5. Imihla ebalulekileyo emayithathelwe ingqalelo mayiquke:
   - Iiseshoni zengcaciso, apho abafundi kufuneka bakuqonde ukubaluleka kokukhetha izifundo zabo nokuba bakhuthazwe basebenze ngamandla yaye bagcine izifundo abazikhethe kuqala zabo kunokukhetha ukutshintsha izifundo ngalo naliphi na ixesha;
   - Ukuhanjiswa kweefom zokukhetha izifundo; kunye
   - Nomhla wokugqibela wokungenisa iifom zokukhetha izifundo.

6. Umfundi ngamnye kufuneka afumane ifom eyi-*subject choice form* yokukhetha izifundo ngethuba leeseshoni zengcaciso. Makuqinisekiswe ukuba le fom izaliswe ngokupheleleyo yaye isayinwe ngumfundi nomzali/ nomgcini womntwana phambi kokuba ingeniswe. Iifom ezizaliswe ngokupheleleyo mazingeniswe ungadlulanga umhla wokugqibela ochaziweyo.

7. Kukho ithemba lokuba abafundi beBakala 9, ngokukuthathela ingqalelo oku neengcebiso ezibubumko, baya kwenza izigqibo benolwazi, yaye oko kuya kuba sisiseko esiluqilima kwizifundo zabo namakhondo omsebenzi kwixesha elizayo.

8. Isikhokelo esiyidrafti esingokukhethwa kwezifundo sinokufumaneka apha: https://rb.gy/tg02lg

9. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane no-*Ivan Fortuine*, oliSekela leNgcali yeMfundo eyiNtloko we-*Life Orientation* ne-*Religion Studies*, kule dilesi ye-imeyili: Ivan.Fortuine@westerncape.gov.za okanye kule nombolo yefoni 021 467 2082

10. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubasebenzi nakubafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-08-15